- ▶ Gcina ikharavani yakho inomoya ungazivali indawo zomoya – oko kungakubulala.

INTENTE

- ▶ Vumela izithuba ezinokhuselo phakathi kw entente, ikharavani kunye neenqwelo ungazivali indawo zomoya - oko kungakubulala.
- ▶ Ungawasebenzisi amakhandlela okanye nayiphi na enye yezomlilo wamadangatya kufutshane nentente. lithotshi zezona zingcono kakhulu.
- ▶ Flammable liquids kunye ne Liquefied Petroleum gasi zesilinda kufuneka zigcinwe ngaphandle kwentente. Ukuba unafutha wemoto (fuel), yigcine apho kulahlwa khona i Fuel Dump (buza kwi-OCC)

- ▶ i Oyile evuthayo yombane ayikhuthazwa.
- ▶ Ukupheka ngezixhobo zombane kufuneka zingasetyenziswa ezintenti ezincinane.
- ▶ Gcina kude izixhobo zokupheka ngombane kude emadongeni nase mqadini apho kunokuba lula ukuzigila.

MILILŌ EVULEKILEYŌ

Nceda qaphela: awuvumelekanga ukubasa umlilo phantsi emhlabeni e AfrikaBurn. (Ewe siyazi besesiyitsho kwade kathathu: ibalulekile ngolohlobo.)

UKUBA UBASE UMLILŌ

- ▶ Kumele ibe kwindawo ephakanyisiweyo umoya ebhekise ngasezantsi, ubekude nge10m ezintnteni.
- ▶ Susa iinkuni, amagqabi nezinye, wakhe isanqa ngomhlaba ngaphandle komlilo.
- ▶ Beka iinkuni ngendlela ezokwenza ziwele ngaphakathi zazisitsha. Inkuni zomlilo wakho ezimelanga ukudlula amacala esanqa sakho ngobude.
- ▶ Sukushiya umlilo ungajongwanga
- ▶ Qinisekisa umlilo ucinyiwe.
- ▶ Yiba nelitha eziyi25 (ne/ okanye isicimilamlilo) esisondeleyo sokucima umlilo

IMTHETŌ MILILŌ, UNGAWUTSHISA IZINTŌ, IZIBANE IBAMBŌŌ NJALŌ

NJALŌ NGAPHAKATHI ENKAMPU UMXHŌLŌ:

- ▶ Umlilo ophandle(ie: ophantsi) awuvumelekanga – sebenzisa izinto zokoja xa usoja njalo-njalo
- ▶ Izinto zokoja azishiywa zingahoywanga ukuba zifunyanwe zingahoywanga ziyawubekwa ngaphandle.
- ▶ Noko ubuncinane be nkampu enye kufuneka kutyunjwe ukhuseleko la kwa Baron kwaye unikwe nokhuseleko emlilweni(kuquka ukufumana izicima mlilo apho zibonakalayo nalapho zifikeleleka lula.)
- ▶ Ukuba imimoya ichola, yonke imililo evulekileyo kufuneka kubekwe phandle ngokukhawuleza. Kwaye okuvuthayo makucinyiwe ukuba baqalise ukuphosa iintlantsi.
- ▶ Umlilo ophandle okanye ukutsha kwezinto kufuneka zicinywe kwisicelo sawuphi na umgadi okanye abezoncedo ngokukhawuleza, okanye bazawukwenza oko.
- ▶ Umgama olingana ne 7m kulo ndawo nawuphi umlilo mawu khululeke nkuwaphi na amadangatya omlilo, afana ne, kodwa elingaqingqelwanga oku: ilaphu, iphepha, iintente, iplastiki, njalo-njalo.
- ▶ Zonke izinto ezifana ne petrol kufuneka zigcinwe kumgangatho ongange 15m ukusuka kwizinto eznomlilo onamadangatya.
- ▶ Kunikezwa ngelitha eziyi 25 zamanzi kunye okanye zokucima umlilo kufuneka zigcinwe esandleni ukucima umlilo kwimeko yemimoya

ephezulu okanye ezinye iingozi.

- ▶ Ukutsha kwezinto mazikhuselwe kwaye zakhiwe ngendlela yokuba ukutsha komphezulu bakube ngange 15cm ubuncinane ukusuka emhlabeni ukuthintela ukubhaka ubuso.

QAPHELA:

Nceda khumbula ukuba ipetroli engamafutha yingozi ukuyisebenzisa xa uqala umlilo. Iziqhushumbi zomophu ziyakwazi ukwakha njengoko zisetyenziswa. Kwaye njengoko umlilo ulayita unganwena kwaye akutshise.

UKUBA KUNŌMLILŌ

- ▶ Qhakamishelana nabagadi, ukhuseleko, Medics okanye isebe lezomlilo kwaye anike ngqo indawo ezikuyo ukuba kunokwenzeka ukunika isiqinisekiso esitalatweni.
- ▶ Ukuba oku akwenzeki, bonelela ngomhlaba ofana nomxholo kwinkampu okanye umsetyenzana wobugcisa
- ▶ Emva kwezi ngongoma zilandelayo zingentla susa naziphi na izinto i.e. ezintenti, inkuni, izithuthi, umama zala wakho, njalo-njalo uksuka kwezondawo zonomlilo - ukuba kukhuselekile ukwenza njalo.

INDAWŌ YŌKUGCINA ISIBASŌ (FUEL)

Ukuba unawo umthamo omkhulu wamafutha okanye igesi, nceda uye kwi Off-Centre nkampu kwaye ubuze ngokungcina izinto yoku beka amafutha.

NGUMZALI

YINTŌ ENTLE UKUBA NABANTWANA E AFRIKABURN KŌDWA KUFUNEKA UBALUNGISELELE KWAYE NAWU USILUNGISELELE.

LUNGISELELA ABANTWANA

LMabayazi abantwana bakho kusengaphambili malunga nohlobo lwezinto elingazo okanye bangabona okanye bave. Dlula, inkolelo zobugcisa, ezesondo, ukubakrwada, imbali zenkcubeko, kunye nokuziphatha okungaqhelekanga zonke yinxalenye yamava e AfrikaBurn. Basuse bemke kuwe sukela kwizinto ezenza ungasihlaseki kakuhle ngabo, kodwa kuba umcimbi osenyanisweni ngezinto abanomdla kuwo.

Cinga isakhelo somntwana wakho sesalathiso esiqhelekileyo: Bakhe bankampa ngaphambili? Thetha nabo ngezinto ezinengqondo ngokhuseleko-ubacebise ukuba balumke ngoku sondela kakhulu kubundlongondlongo bobugcisa, iirobhothi ezitshabalalisayo, nezithuthi ezihambayo, ukudlala kwimfumba yomthuthu okanye kumanxeba atshileyo. Ubuncinane benkathalo buhamba indlela ende kwindawo enengxwabangxwaba bonke abazali kufuneka baze nabantwana babo kwaye baluxanduva ngenkuseleko nentlalo-ntle kuwo onke amaxesha. Ungase ubephezu

konxibelelana nabantwana bakho kunokuba ubashiye ngaphandle kolwazi olubalulekileyo. Abazali abangaziphathi ngokwenkathalo malunga nabantwana babo usenokucelwa ukuba awushiye umbhiozo.

UMGADI BŌB UTHI:

Abantwana abancinane bayamangaliswa kwiBurn kodwa osebuthseni angoyikisa kakhulu ngakumbi kwindawo engenamthetho enomculo, notywala, enezinto ezininzi ezihendayo. I-AfrikaBurn ayiyo ndawo yokuzisa umthana wakho osebuthseni awamgqibela kudala ngentloso yokuba izakunenza nivane.

INGCEBISŌ EZIPHEZULU NGŌBUZALI

01 UKUZIQHELANISA NABANTWANA BAKHŌ

When you get to Tankwa Town - walk around with them and identify landmarks that will help them navigate and be safe.

02 MAZI UMMELWANE WAKHŌ

Uluntu lolunye olunamandla kakhulu e AfrikaBurn. Abamelwane banceda ekujongeni abantwana, iibhayisekile kunye nayo yonke into ese nkampini yakho, xa usenza okufanayo kubo.

03 ULUNGISELELŌ MISEBENZI EKUSENI

Abantwana mabaphakame kuqala kunawe kwaye bahamba-hambe

04 INDALŌ YŌKUBAKHUSELA

Nxibisa abantwana bakho izhlaungu ezizinzileyo neminqwazi, sebenzisa amafutha okuzikhusela elangeni kwaye uphathe amanzi nabo naphi na apho bakhoyo.

05 PHAWULA IIBHAYISEKILE ZABANTWANA BAKHŌ

Thatha i eqinileyo wenze uphawu olusisigxina.

06 UNGASHIYI ABANTWANANA BAKHŌ KUMXHŌLŌ WENKAMPU

Ungaba nolwazi olunzulu ngoku hamba-hamba kwaye wonwabe kodwa ukushiya ukushiya abantwana kwi nkathalo yomxholo wenkampu ngaphandle kwesivumelwano sabo ngokungakhathali.

07 ABANTWANA ABADALA

Abantwana badala baza kufuna ukuzolula ngaphaya kwemigaqo bebeyinikiwe kwaye bahambe bejikeleza ngentando yabo-yenza ezinye izkhokelo ukuba uziva ukhululekile nabo. Kuquka ukuba ukude kangakanani ngaphambili kwaye ujonga kangaphi ukuba umva ukude kangakanani.

NCEDA UQAPHELE:

Umxholo weenkampu uphisa ngotywala kwabo bangaphantsi kweminyaka elishumi elinesibhozo(18) kwaye inkampu eziphisa ngotywala ziza kucela izsazi (identification) ukuba ziqinisekanga ngawe.

Ulwazi oluthe vetshe kubazali e burn, kukho iingcebiso kakhulu kwi blog yethu.

Idolophu i Tankwa yenye yeendawo ezininzi kwi planethi yePhotogenic yethu. Kodwa nceda khumbula ulapha ukuba uthathe inxaxheba, ngako ke sukulibala ukuba mawuzibandakanye. Sukujonge wonke umbhiozo ngokweliso, uyinxalenye yalo mbhiozo – wuxabise ngokukhawulezayo

Amajelo ku mbhiozo wethu namathuba okwazisa kwaye achaphazela ihlabathi ngokwenza iimifanekiso kwaye sidocumenta into esiyenzayo njengo luntu. Ingxelo noku documenta yindlela yokuzibonakalisa ekwamkelekeni kwethu, nabo bathwebula bhanya-bhanya kum bhiozo bathembise ukuba abazukuphazamisa ngamava abo.

Ukuba nabani na ne camera akayenzi ngokwamava akho ngokwehlokondiba labucala, nceda ubacele ngokwamagama abo kwaye ujonge kwi Media Centre e Off-Centre nkmpu ngokwazisa iqela lethu.

OMNIBHAYO (UKUTHWEBULA)

MEDIA, IKHAMERA AMAXWEBHU ULWAZI

Enye yemigaqo yokuhlala e AfrikaBurn kukuba abathathi nxaxheba mabangaphazamisani ngokukhawuleza ngokwamava nabanye abathathi nxaxheba. Njengalungu leendaba kufuneka ulungele ukuba nentlonipho kwaye uzithobe ngokufanelekileyo. Ukuba wenjenjalo umsebenzi wakho uyawuba kwinqanaba elikude kakhulu kwaye uyakuba nentsingiselo.

Ukuba nawuphi na umthathi nxaxheba ucela ukuba yima ngokuthwebula bhanya-bhanya kufuneka uyeke ngoko nangoko.

Cela imvume phambi kokuba uthwebule okanye uthwebule bhanya-bhanya kumthathi nxaxheba ngamnye onokuqapheleka. Ukuthwebula esidlangalaleni kona, ngaphandle kwaxa amagcisa ecula, kwaye uninzi lwabathathi nxaxheba

Abafuni bathwebuli okanye bathwebuli bhanyya-bhanya.

Amalungu eendaba banoxanduva lokujonga phakathi xa kufikwa kwi ziko leendaba e Off-Centre nkmpu bazobhalisa okanye bazothabatha izumelwano zabo. Iziko leendaba livula ngentsimbi yeshumi kusasa livale ngentsimbi yesibini emva kwemini.

Ukuba ucinga ukuba kukho okungasetyenziswa kwiifoto zokwezorhwebo, umboniso bhanya-bhanya okanye umculo embhiozweni, kufanele uze ne kopi(copy) zomsebenzi wakho kubaququzeli bombhiozo sempumelelo kwi ntsuku ezingamashumi alithoba (90 days) zombhiozo. Ukuba umsebenzi ufuna i pst-production, kufuneka uze nekopi ngokukhawuleza njengoko igqityiwe. Izi stock agencies azivumelekanga ukuba zithwebule bhanya-bhanya okanye zishicilele embhiozweni.

AMALUNGELO WABAQUQUZELI MBHIYOZO NOXANDUVA

i AfrikaBurn inoxanduva lokudala imeko kubathathi nxaxheba okunganyamezelekiyo ngokusetyenziswa kwiwada okanye ngokungafanelekanga kokuthwebula okanye ushicilelo bhanya-bhanya lezixhobo. Wonke umntu ongahloniphi zimfuneko nokunqwenela abanye ngembeko yokuthwebula, umboniso bhanya-bhanya, okanye ushicilelo naluphi na uhlobo basenokucelwa ukuba bahambe.

i AfrikaBurn ilibambile ilungelo mvume ngokusetyenziswa kwe mifanekiso enxulumene kunye noshicilelo laluphi na uhlobo ngenxa yorhwebo ngokusetyenziswa komhleli ongavunywanga, ingakumbi ukuba kusetyenziswe phantsi ibinzana lobuqu. Nemfihlo kubathathi nxaxheba okanye ukuthembeka kombhiozo.

ABATHWEBULI/ ABATHWEBULI BHANYA-BHANYA/ ABASHICILELI

Unelungelo lokuzibonakalisa nokudala ubugcisa njengomthwebuli, umthwebuli bhanya-bhanya kwaye/ okanye ushicilelo lamagcisa

Unoxanduva lokuba nentlonipho kubantu onqwenela ukubashicilela kwaye ucele imvume kubo phambi kokuba ushicilele imifanekiso bhanya-bhanya ngokufana okanye umculo oshicilelweyo ngokusetyenziswa buqu akuvumelekanga – kodwa naziphi ezibonakaliswe ngamaqela abhalisiweyo zingasetyenziswa.

Ngokubhalisa yiza apha okanye yiya kwi Media Centre kwisiza.

BABHALISE APHA

Nwuphi na ongathwebula nge stills okanye ngokuthwebula bhanya-bhanya bangacelwa ukuba bacime izixhobo zabo.

AMALUNGELO AMAGCISA KUNYE NOXANDUVA

► Unelungelo lokukhusela umfanekiso wobugcisa okanye umsebenzi wakho

► Unelungelo lokucela umntu ukuba ayeke ukuthatha imifanekiso yakho yobugcisa okanye ukuba awumamkeli.

► Unelungelo lokwabelwa kuzo zonke iincwadi nayiphi na indlela esasaza umsebenzi wakho, kwaye uxoxe ngemiqathango.

► Unelungelo lokukhusela umsebenzi wakho ngecopyright okanye itrademark ngomsebenzi

wakho wobugcisa onomehluko. Ukuba ufuna ukheseleko olwaka lwabalukhulu bhalisela i copyright.

► Sikhuthaza bonke abasasazi babhale amagama abenzi bobugcisa xabesasaza lomsebenzi.

AMALUNGELO LABATHATHINXAXHEBA NOXANDUVA

► Unoxanduva ngefoto okanye indlela obonwa ngayo, ufanele ukubabuza abathathi zifoto ukuba izakusetyenziswa njani ifoto yakho. Ukuba unengxaki, yixele kunogada ikanye e cala loshicilelo.

► Unelungelo lokumnqanda umntu othatha ifoto yakho okanye orekhoda ilizwi lakho. Kodwa ukumbule indlela yokuzibonakalisa ngokumangalisayo- ukufota umntu ezibonakalisa yenye indlela yokuzibonakalisa nayo.

► Unelungelo lokwazi ukuba umntu uzokuyenza ntoni ifoto yakho.

UKUSETYENZISWA KWEEFOTO EZITHATHWA EAFRICABURN(NGAPHANDLE KWEZISETYENZISWA NGUWE QHA) SZIVUMELEKANGA NGAPHANDLE KWEMVUME YE AFRIKABURN.

Ukuba nqwenela ukubhaliselwa iimvume, tyelela iphepha I Photo & Media yewebsite yethu.

ISICELO APHA

Ibhayisekili ibaluleke kakhulu kwidolophu iTankwa; zenza yonke into ifikeleleke. Khumbula ukuba ibhayisekili azizo ezikawonkewonke. Qinisekisa ukuba ibhayisekili yakho esesimeni esilungele ukuqhutywa pambi kombhiyozo, uze nezinto zokuyilungisa, ezifana ne brush yocingo, I chain lube, netyup zabucala zamatayere.



IIBHAYISELKILI

#1 EYONA NGCEBISO IBALULEKILEYO MALUNGA NEBHAYISEKILI? YITIXE OKANYE ULAHLEKELWE! (NANGELIXESHA USENKAMPINI YAKHO)

Libhayisekili zilahleka ziphinde zifunyanwe emva kokuba wonke umntu segodukile, ezinye zilahleka zingaphinde zifunyanwe, ngoko tixa ibhayisekili yakho. Ungayitixeli kwiguywires okanye kumsebenzi wobugcisa- ingaphazamisa umdlao weqonga okanye utshiso olubekelwe ixesha. Akukho bayisekili ethathwa njengbiweyo ngaphandle kokuba ibe ineqhaga elophuliweyo, akukho bhayisekili ithathwa njengelahlakileyo ude uphele umbhiyozo.

HOMBISA IBHAYISEKILI YAKHO

Liyancipha ithuba lokuba ibhayisekili yakho ibolekwe ngaphandle kwemvume ukuba inomehluko kwezinye. Yokozelisa ibhayisekili yakho igqame ngobusuku- sebenzisa iLed's (izikhanyiseli ezisebenzisa amandla elanga), EL wire-sebenzisa amacebo, ubugcisa!

MAKA IBHAYISELKILI YAKHO

Yibhale igama lakho, inombolo zakho okanye idilesi yembelelwano yasemoyeni, nendawo okuyo enkampini.

PHATHA I-SPARES

Uhlaba wase Tankwa uwululanga kwiibhayiselile: yiza netyup, amatayere nezinto zokumpopma ulungise (zizisipho ezintl kwabazidingayo). Ungazidinga, ukuba awuzidingi, unganceda abo bazidingayo.

SUKUSHIYA MKHONDO

Ungalahli okanye ushiye ibhayiselili yakho eAfrikaBurn: ukukhathela ibhayisekili ezilahliweyo kusokolisa kakhulu ekubani sisebenza ngezandla ezishotayo kakade. Sitshilo kanene ukuba ukuba awuyitixi, ingakhula inyawo? Nyhan nyhani. Xa impambano seyiqalile, ibhayisekile zikhula iinyawo zihambe. Yitixe- ngakumbi ukuba uboleke ibhayisekili exabisa R25 000 yomhlobo wakho eyenzwe ngezinto zikanokutsho umz. Himalaya expedition, okanye ungaphela ulilela kuyo ibhiya yakho.

TIXA. IBHAYISEKILI. YAKHO.

UNGENZA NJANI UNGALEHLEKELWA YIBHAYISEKILI YAKHO

Ukwenyusa ichance zokuba ungalahlekelwa yibhayisekili yakho:

- ▶ Yibhale inkcukacha zakho
- ▶ Yifote efownini yakho
- ▶ Bala inkcukatha (imake ne modele) kwindawo efihlakeleyp

- ▶ Ukuba utlahlekelwa yibhayisekili ngexesha lombhiyozo? Bhala ucacise ngebhayisekili kwi lostandfound@afrikaburn.com
- ▶ Bhala ukufika nje kwakho endlini ngoba kunexesha elincinci phambi kokuba kupakishwe kugodukwe yi DPW.

INKQUBO YOKULAHLEKA KWEBHAYISEKILE

- 01 Naziphi na iibhayisekile ezilahlekileyo kulendawo zizakubhalwa zithathwe nemifanekiso
- 02 Abanini zibhayisekile ezilahlekileyo baya kuba neveki ezimbini ukuchonga iibhayisekile zabo ngokwenkcukacha.
- 03 Akukho manyathelo mathathuaqhubeka ukuya kwinyathelo lesine.
- 04 Libhayisekile ezichongwe ngokupheleleyo zizakubuyiselwa emzmva ukusuka e Tankwa kwaye abaninizo bayakwaziswa ngeposi(via mail)
- 05 Libhayisekile ezingabangwana ngabanikazi bazo kuyawunyanzeleka ziphiwe uluntu oluhlelekileyo e Tankwa.

IINQWELŌ EZITSHINTSHA – TSHINTSHAYŌ

NGAPHANDLE KŌKUBA ZIBHALISWE PHAMBI KŌKUBA UFIKE, INQWELŌ YAKHŌ AYINAKUVUNYELWA UKUBA IQHUTYWE.

Qiniseka ukuba ubhalisile kwi DMV (kwaye bakunike imvume yamaphepha akho okufika).

- ▶ Akukho quads nazithuthu zivumelekileyo konke-konke ngaphandle kokuba zinikwe amaphepha mvume yi DMV (kwaye enye indlela abangakuvumela ngayo ukuba bagqibe ngokupheleleyo ukuba singaphinde sijongeke ngokwesithuthi esiqhelekileyo).
- ▶ Naziphi zonke izithuthi ezifuna imvume ye MDV kufuneka zonke zibenephepha mvume yokuqhuba ngokutsha kwaye isayinwe ngokhuseleko nokhuselo. Wonke umqhubi nqwelo kufuneka asayine ngokhuselo.
- ▶ Incwadi yokhuselo mayigcwaliswe kwaye isayinwe kwimizuzwana yokungena esangweni
- ▶ Ukuba aniniyithobeli imithetho, kufuneka wazi kwaye wamkele okokuba inqwelo iyakubanjwa ngokukhawuleza, okokuba inqwelo enemvume ye DMV (kwaye/okanye umqhubi onemvume ukuqhuba kulendawo) anganqunyanyiswa phakathi kwesithuba seeyure ezingama shumi amane anesibhozo(48) okanye ngexesha lombhiyozo (ixesha eliza kumiselwa inkokheli ye DMV, egameni le AfrikaBurn nokuba umqhubi angaxothwa embhiyozweni).

IBALULEKE KAKHULU

Izithuthi eziphethe amadangatya okanye naziphi na ezinye izixhobo eziyingozi kufuneka ziqhakanyishelwe.

Email dmv@afrikaburn.com for more info.

IMITHETHŌ ZASE – IDMV

01 KUFUNEKE U

Yenza zonke inzame zokuhombisa/ukudala/ inqwelana yakho yegalufa, iloli(truck), limo njalo-njalo.

02 AWUNŌKWAZI

Ukweba, nokusebenza okanye “uboleke” naliphi na igosa lothutho. Ubusela okanye ukutshatyalaliwsa nasiphi na isithuthi akusayi kuvunyelwa, sinelungelo lokungakhuphi nabani na obanjwe esnza ngale ndlela.

03 AWUNŌKWAZI

Zama ukufumana kwi, thintela, okanye misa inqwelo yobugcisa ehambayo, inqwelo, inqwelo ntaka, balloon, uphephela, okanye nayiphi na enye yezibhabhazelayo okanye eziqhutywayo.

04 KUFUNEKE U

Ukudanisa ujikeleza, ukujikajika ingalo zakho, cela ngembeko ukufumana ukudlula kwisithuthi esidlulayo.

▶ Xa isithuthi siye sama ngokupheleleyo,(ukuba kuyimfuneko) cela uncedo okanye akhwele kwisithuthi ngendlela efanelekileyo nenembeko.(khumbula: qiniseka ukuba uyabulela kumqhubi)the driver)

▶ Ukuba isithuthi asimisi nangesiphi na isizathu, musa ukuzama ukubaleka phantsi, ukutsibela, hog-tie, kunye/

okanye ubengunondindwa/ injakazi kwi nqwelo okanye kumqhubi.

05 AKUKHŌ MITHETHŌ MIHLANU 5

06 AWUNŌKWAZI

Uzama ukufumana ngomhla okanye uzama ukufumana ukwehlika kwi sithuthi esihambayo (kusenokwenzeka ukuba zange ulifumane elathuba kuqala.

07 AWUNŌKWAZI

Ukuqhuba nayiphi na inqwelo kunye/okanye ibugcisa obongeziweyo ngaphandle kwemvume yomniniyo / yomsebenzi. Ukuquka nokudubula, iinkanunu zamazambane, nengququ yenkanunu, sebenzisa amalungu omzimba onomtsalane kwizithuthi zabantu abangaphakathi, izandi kunye nenkqubo yezibane, njalo-njalo.

08 AWUNŌKWAZI

Hijack, hoodwink, harass, or harangue the driver whilst they are in command and control of the mutant vehicle.

09 KUFUNEKE U

Ubenexesha elimnandi (nangona ungadingi kuxelelwa)

10 KUFUNEKE U

Nceda ujonge jongwe

ngokhuseleko kubantu obhiyoza nabo, njengabaphambukeli, nkqu nabadlulayo maxesha onke – nokuba ngamantombi wakho wamandulo asekehe alala noyihlo.

11 KUFUNEKE U

Xela nawuphi na umba wokhuseleko, eyanyhashwa, kunye/ okanye iingxaki kubagadi kunye kwi MDV ngoko nangoko.

12 KUFUNEKE U

Yiba nomqhubi wenqwelo ebhalisibwe ozakucelwa ukuba makanxibe into ayinikiweyo yi sexy MDV ebhaliswayo.

13 ZŌNKE...

...linqwelo wzitshintsha-tshintshayo Ukuba unganazo zonke iinjongo(ugubo owmileyo wechemical) izicima mlilo kunye nezixhobo ezibanzi zoncedo lokuqala.

14 ZŌNKE...

...izithuthi ezitsala izikhoji kufuneka zibe ne conductors kunye ne walkers. Ukuba i MDV yakho ifunyanwe ngaphandle izakumiswa ude ufumane abasebenzi ukuzalisekisa le mfuneko.

15 NCEDA...

sukushiya imoto yakho ngasemva. Ukuba izinto zaphukile/zidilizwiwe, nceda yiya kwi Off- Centre nkampu ubuze ukuba ungaqhakamishelana njani naba nimizo.

IMIGAQO YALO NDLELA

Kukho ukufa ku R355, neengozi ezininzi. Nceda uqhube ngobuchule. Ukuba uqhuba kakubi kuya kuphela kakubi.

LE YIMI YALELO ELISHUMI EZINDLELENI

- 01 Ungasidluli enye inqwelo xa ungakwazi ukubona ngaphambili. UNGAZE.
 - 02 Shiya isicwangciso phambili ngexesha elihle (ngecawe kusasa ngentsimbi yesibhozo kusasa ukuya kwintsimbi yeshumi kusasa ayilo xesha elihle.
 - 03 Khangela indlela ebukekayo, goduka ngendlela (Calvinia, Cold Bokkeveld, njalo-njalo).
 - 04 Ukugoduka kuzakuthatha indlela yonke. Yehlisa umoya wonwabele uhambo.
 - 05 Musa ukonwaba kude kube nge Cawe uyokulwa ngqo nabahambi ngendlela. Sonke sabelana ngendlela kwaye kufuneka sigoduke sikhuselekile.
 - 06 Ukuba awuboni ngaphambili, thoba isantya, ayiyo mini yendudumo. Ukubamba umgca
- wkho nasekuqhubeni eluthulini ayiyompendulo. Kuncgono uthobe isantya ukuya ku 10kmph kwaye ugcine ikhohlo ngoko nangoko. Ungamisi ngokupheleleyo njengoko kukho iinqwelo ezisemva kwakho nazo ezikngakwazi ukubona.
- 07 Abanye abantu bahamba kancinane kakhulu mhlawumbi kungaba banengxaki yamavili kwiinqwelo zabo.
 - 08 Xhasa i Padstal. Misa ucime, thoba umoya kwaye ziyeke zikudlule ezinye izithuthi.
 - 09 Ukuba ufuna ukuma utshintshe ivivli nokuba yintoni na, qiniseka ukuba uphume ngokwaneleyo endleleni.
 - 10 Yiba lekker. phatha abantu ngendlela nawe ofuna bakuphathe ngayo. Sikulento sonke kwaye sonke sifuna ukuyofikelela phaya. Sibuye sibanye.

ENKOSI KUBRAAI BLIKSEM NGEZINGCEBISO!

Funda konke ngalentelela enkulu kule blogpost :

SIFUNDA NGAYO APHA



UKUFIKELELA PHAYA

UMGAQO WOKUQA-LA YEHLISA IZINGA LOKUQHUBA

Nceda ukhumbule iR355 yindlela eqhathayo eyisele ithathe ubomi babantu ngaphambili.

Nceda uqhube ngokupholileyo, nokuba une 4x4, ngakumbi ukuba awundayongo. Indlela yokugqibela yindlela ubukh-itya yasezifama, nceda ubenomonde ukufika kwakho ngoba ungafika kunomgca wabantu abalindileyo.

UKUHLALA UPHEPHILE KWIR355

- Imigaqo yokhuselo lwendlela kufuneka ulilandele nanjengakwezinye iindlela, nakwiiRV's nakwi 4x4.
- Ngenxayokuba uqhuba i5-litre 4x4 akuthethi ukuba indutsu yakho ngekhe ubhukuqeke kwaye amatayere akho achubeke.
- Sikhuthaza ukuqhuba omnye emva komnye.
- Qhuba emini- kukhuselekile ngelixa!
- Ungaphathi umthwalo owongamele imoto.
- Sukubalekisa – u70km/h sisantya esilungileyo, kodwa ukuba imoto yakho iyasinda, sehlise isantya siye ku 50 okanye ngaphantsi, kuxhomekekile. Yonwabela indalo oyibonayo endleleni.

- Qhuma ngentseni- ubushushu basemini ilanga liphezulu liye litshise amatayere, lento ithethe amacala matayere/ amatayere agqabhuka msinya kwaye amatye endlela ayakhawuleza ukophuka kwaye ababukhali. Amatayere apholileyo + indlela epholileyo= kwehlisa izinga lokuhqabhuka kwamatayere.
- I R355 yindlela ende kakhulu kakhulu yomhlaba. Inendawo ezinemigongxo aphokhona kukho amatye ahlabama amacala amatayere (ewe, namacala e Roadmuncher Desert Eagles), ngoko qhuba ngokulumkileyo kwaye ucothe.
- iNetwork yecellphone ibakho iphinde ingabikho kulendlela. Unxulumano olungathembeka kuphambi kokuba udlule iKarooport.
- Ukuba uyema kulendlela, yimela ecaleni- ungakulinge noba kwenzeka ntoni na umise kwindlela ebunyuka apho khona ungazukubonakala komnye umqhubi.

UKONGA AMAVILI WAKHO

Yimbali kwaye yinyaniso emsulwa ukuba iR355 iwadla njengesidlo sakusasa, esasemini nesangokuhlwa amatayere. Nazi iingcebiso zokulumka ekugqajukelweni:

- Jongisisa amavili wakho phambi kokuba uhamber, uqinisekise asemgangathweni ofanelekileyo.

- Gcina amavili wakho eqinile ukwenzela akhuseleke kumatye ahlabayo kwindonga ezise caleni.
- Siyazi ukuba sicela lukhulu ngoko, zama ungayisindisi imoto yakho.
- Ungadluleli ngaphaya kwe 'middle-mannetje'.
- Sicebisa uphathe amavili amabini asecaleni nezixhobo zokulungisa amavili. Thatha ingcebiso kumafama akulendawo- phath I snotplugs nento yokumpompa amavili.
- Pakisha amatayere akho kwindawo elula ukuba uwafumane.
- Abasebenzi bethu abapatroli indlela, abakwazi ukuncedisa ngaphandle kwindawo yombhiyozo.
- Ikhona indawo yokulungisa amavili eTankwa Tented Camo(phambi kokuba ufike esangweni lombhiyozo). Apha ungakwazi ukulungisisa amatayere akho phambi kokuba ungene okanye uphume kumbhiyozo.
- Hlonipha izikhululo zamadonki nezinye izilwanyana- amadonki awanyanzelekanga akusukele endleleni.
- Xa udlula , yichothise imoto ukwenzela wehlise ukuqhuma komhlaba nokutaka kwamatye.

OKUBALULEKE KAHULU: MUSA UKUHLALA ENYE IMOTO XA INDELELA INGABONAKALI NGENXA YOTHULI.

Siyenziganeko ezininzi zongqzulwano zemoto ngenxa yokuqhuba ngaphandle kwenkathalo. Sicela niqondisise into yokuba- ungalehlekelwa bubomi bakho, inobungozi obukhulu kakhulu. MUSA UKUYENZA.

UMKHOMBA NDELELA

GPS: SOUTH 32.326841 EAST 19.748139

OVELA EKAPA

Vitsho! Suyabulela ukwazile ukuza mtshana!

- Thatha iN!, udlule iPaarl, iVostile ne De Doorns. 10km phambi ufike e Touwrvier, 160 km uyishiyile iKapa, thatha indlela engasekhohlo ungene iR43 ubengathi uya eCeres. Ukuba udinga ukugcalisa amafutha, yenze lonto eWorster okanye e Tourivier ngamatyeli akho okugqibela.
- Lendlela iqhubeka nge40km iphele kwiT-junction. Ngena ekhohlo kwi R355 etya amatayere. Emva kwe 100m

ukuthekelela, uzakuhlangua nendlela yomhlaba. YEHLISA IZINGA LWESANTYA LOKUQHUBA.

- Uzile netayere labucala, ne? Wenze kakuhle. O uze nawo ade amabini? Uchan'ucwethe!
- Lendlela i133 km ubude-iyingozi. Njengonomasinana - onebhabhalaza- ubungozi. MUSA UKUQHUBA NGESANTYA ESIPHEZULU. Yindlela endeyobuke, ufunde izalumkiso zendlela.
- Kulapho ke ulahlekelwa yinetwork necellphone apha. Yicime uyilibale. Bhaibhayi kunxulumano lwemfonomfono, molo nulumano lokwenyani!
- Hlala kwiR355 ukuya eCalvinia(Ungangeni kwindlela yasekunene eya eSutherland, ngaphandle ukuba uthanda iitelescope zikanomathotholo ezinkulu.
- Uzokudlula indawana ekuthiwa yiTweefontein nebridge encinci emhlophe ephezul komlambo iTankwa. Ngoko ke ukude nge 2km ukuya kwindlela ekungenisa kwindawo yombhiyozo. Uzokubona iTower enkulu kwicala lakho lasekhohlo.
- Hlala kwi R355, awukudanga

ngoko. Uyayibona iT-junction phambi kwakho nezolathiso ekunene? Ewe- ngena ekunene ukungenisa kwifama iStonehenge.

- Yindlela engalulanga, phola kuyo- sowuzakufika. Xa udlula esangweni kunezindlu ezincinci ekunene kwindawo ekuthiwi yi Lekkerlag.
- Uzokufikelela Kwisikhululo soqinisekiso esibizwa Charming/Ncumisa kuqala, apho kuzokuqinisekiswa ukuba wonke umntu unetikiti ngoncumo.
- Okulandelayo uzokungenisa kwisango lakwidolophu yaseTankwa. Apha izokungenisa netikiti lakho lisenkwe.
- Qhubeka uye kwisikhululo solwankelo. Phefumla kakhulu. Ngena kucango lasemaphupheni.
- Ukuba uyaqala ukuza, nkenkqezisa intsimbi
- Wamkelekile!



UVELA EJOZI?

Ukae, chana!

- ▶ Thatha iN1 South ukuya eBloemfontein/eKapa
- ▶ Hlala kwiN1 ukudlula eColesburg, Hanover ne Richmond.
- ▶ Ukusuka e Richmond hamba umgama we 64km kwiN1 ungene ekunene kwi R63 ukuya e Victoria West.
- ▶ Hamba kwiR63 udlula kwiVictoria West ulandela indlela izalathiso ukuya eCalvinia.
- ▶ Dlula kwiCalvinia emva kwe 2km ngaphandle kwaledolophu uzakubona isalathisi 'Ceres R355'. Jika kwindlela esekhohlo ukngena kwindlela yamatye eya eCeres.
- ▶ Ungaqhubi ngesantya esidlula i70km ngeyure, nobakwenzeka ntoni, noba uqhuba imoto enjani, naliphi ixesha kulendlela yamatye!
- ▶ Qaphela: Qaphela lixesha lokugqibela lokuba ufumane umnxeba wemfonomfono ude ubuyele kulendawo-apha siquka nangaphakathi kwindawo yombhiyozo.
- ▶ Qhubeka kwiR355 i100km ukuthekelela.

- ▶ Ungangeni kwiTankwa Karoo National Park.
- ▶ Khangela I T-junction- apha uzokubona isalathiso seAfrikaBurn ne Stonehenge/ Lekkerlag. Jika ekhohlo bhuti! Sowuzokufika.
- ▶ Qhuba i5km kancinci kulendlela yasefama.
- ▶ Nkosi yam, usondle ngoku!
- ▶ Uzokufika kwisikhululo soqiniseko iCharming/ Ncumisa
- ▶ Endleleni uzokufika kwisikhululo samatikiti.
- ▶ Qhubeka ukuya kwisikhululo sokwamkela. Phefumlakakhulu.
- ▶ Qalayo? Wamkelekile!

EDLULA E BLOEMFONTEIN


Uvela eBloem chomma? Kwakuhle!

- ▶ Thatha iN8 ukuya eKimberly uqhubekeke ngeN12 ukuya eVictoria West
- ▶ Ngena ekunene ukungena kwiR63 e Victoria West(T junction), apha landela izalathisi ezibhalwe emtla naphantsi kwe Johannesburg, ukuqala e Victoria West.

UVELA ETHEKWINI

Uqhamuka eThekwini? Sawubona!

- ▶ Thatha I N3 ukuphuma edolophini, usingisele eHarrismith
- ▶ Thatha iN5 ngeBethlehem ukuya eWinberg,apho uzokudibana neN1 ulandelel yona ukuya eBloemfontein
- ▶ Ulandele imiyalelo ezidwelisiweyo KwelaBesuthu



IINQWELŌMŌYA EZIZINDI

ŌBHABHAYŌ UKUZA

**Uzobhabha?
Akumand'ubanguwe!**

QAPHELA: Awuvumelekanga ukubhabha ukungena eAfrikaBurn- okanye abhabhise noba ngeyiphi into ezokungena kumbhiyozo- ngaphandle kokuba unxulumane kwaye ufumane inobolo. Kunemigaqo ebalulekileyo ngokusebenzisa leairstrip nomoya.

**Bhalela I
airstrip@afrikaburn.com
neencukacha zizakuthunyelwa
kuwe, okanye tyelela iphepha
lethu le Airspace:**

UBONA KABANZI LAPHA

Nceda qaphela kwakhona: ukuba ubhabhela phakathi ,kusafuneka ube netikiti lase AfrikaBurnini. Ungangeni kwi nqwelo ntaka ngaphandle kwalo. Abaqhubi benqwelo ntaka baluxanduva lokubuyiswa kwamatikiti anasetyenziswanga.

UKUSETYENZISWA KWESIKHULULŌ SŌMŌYA


Ipropeller ekeyahlangana nawe ekeyadibana nawe ingenza umehluko ongasoze uwulibale, kwaye ongekhe konke konke uwuthande. Bazali, sicela nibafundise abantwana benu ukuba iinqwelo moya ayizizo izinto zokudlala, bazihloniphe. Zinobungozi kakhulu ukuba uyazibamba, ziphazanyisiwe okanye usondela kuzo nakanjani na. Lendawo isetyenziswayo yesakhululo senqwelo moya iqhintyelwe ngentambo , wonke umntu uyacelwa ayihloniphe lo nto. Oonogada nabasebenzu basesikhululweni bazokunicela ngentlonipho nisuke kule ndawo ukuba ufunyenewe ukule ndawo.

UZŌKUZA NGŌMŌYA?

Sinabantu abaninzi abadinga ukukukhwela inqwelo moya ukuya kwiBurn, ukwazisa iminqweno yakho kwiblog nenani olufunayo, ubunzima neentsuku izakunceda unxulumane nabanye abahamba lendlela yya kuyo. Iinkampani ezinkulu ezithengisa ngokubhabha azivumelekanga. Umgaqo wethu uthi kulungile amathathi nxaxheba bazilungiselele, kodwa abathengisi abavumelekanga bathengise kuba thathi nxaxheba.

UKUGCINWA KWAMAFUTHA

Ukuba uza uphethe amafutha enqwelo okanye irhasi sebenzisa indawo eyenzelwe ukuzigcina apho khona kukhuselekileyo khona, kwaye kukudelene nomphakathi ohlala kwintente apho khona angaba nobungozi khona.



UKUSETYENZISWA KWŌMŌYA

Ukusetyenziswa kweenqwelo moya noba ngenajni na kunemiqhathango kwaye kusetyenziswa ngaphantsi kwemithetho emitsha enqongqo ye CAA :

UBONA KABANZI LAPHA

Akukho semthethweni ukusebenzisa inqwelo zomoya zokudlala ngaphandle kwempepha ne insurance ngaphantsi kwe ATZ ekwi TTZ. Kunemigaqo ekufuneka ilandelwe. Ukungena kwiTTZ akuvumelekanga kwaye kunemithetho yayo. Siyacela bhabhisa ngokwemilinganiselo emakiweyo kwimap n naziflags.


IINQWELŌ ZŌMŌYA ZIZŌNKE

Ukusetyenziswa kwomoya-siquka nantoni eyenzekayo emoyeni idinga imvume. Siquka zonke iinqwelo moya siquka I Unmanned Ariel Vehicles (UAV's)/ Inqwelo moya ezingadingi mntu, inqwelo zokudlala (izithwele iivideo camera), ukuzijula emoyeni, nabadayivi bebharoni namasebenzisi benqwelo moya ezizimodela.

Ukuba uzimisele ukusebenzisa idone (okanye inqwelo moya nenjani na) sicela iqhakamshelane ne uav@afrikaburn.com abasebenzi bethu bazokuncedisa ngokukunika incukacha malunga nokufumana imvume, indawo apho khona ungabhabhisa khona nalapho wena nwenqwelo yakho ningabhalisa khona kumbhiyozo phambi kokuba ubhabhe emoyeni. Nceda uqaphele: drones zolonwabo abavumelekanga ngenxa imithetho zeCAA.

NDIQALA UMNTU RPAS ŌKANYE MŌDEL AIRCRAFT, IROBHŌTHI ŌKANYE YŌKUDLALA E AFRIKABURN

Ngokuhambelana kunye nezikhokelo ezintsha Civil Aviation Authority, akukho drones usenokuba kubhajiswa naphi kufuphi moya esebenzayo. Kwaye babe moya esebenzayo. abantu uxolo: irobhothi wakho kuya kufuneka ahlale lo phandle.





EZOMTHETHO

**NGOKUTHATHA INXAXHEBA
KULOMSITHO UZIBEKA
KWITHUBA LOKWENZAKALA
OKANYE LOKUFA , KWAYE
UYAYIKHUPHA IAFRIKA
BURN KUZO ZONKE IKLAIM
EZINGAPHUMA.**

Kufuneka uziphathele ukutya, amanzi, into yokufihla intloko nezinto zoncendo lokuqala ngokwezempilo zokuziphilisa iveki yonke kwindawo enzima ekuhlaleni kuyo.

Longumsitho wokungashiyi mcondo, apho yonke into ozenayo ipinda ususwe ngumnikazi wayo. Uzocelelwa uthathe iyure ezimbini zokucoca ngaphezulu kocuca eyakho inkampi phambi kokuhamba. Ukuba kulindeleke ukuba inshorensi yonke impahla eziziswe ukuba isiganeko onazo nokuba propati. Inkqwelo zobugcisa, ifakelo lobugcisa, inkampi setheme neemidlalo yeqonga ayizizo ezeAfrikaBurn, ngoko uthatha uxanduva lwethuba lokonzakala okungezeke xa usenza oku. Zonke izikhululo, kuqukwa itraka, iitrainers, namakharaveni ezingena ziphuma eAfrikaBurn amasebenzi basesangweni banelungelo lokuzihola.

Akuvumelekanga ziinqwelo moya, neziphi na azisetyenziswa ngaphandle kwemvume nokubhalisa ne AfrikaBurn kuqala. Ngekcukatha ngoku nceda ubhalele airstrip@afrikaburn.com

Uvumela iAfrikaBurn njengommeli wakho ozothatha amanyathelo adingekayo ekukhuseleni umsebenzi wenqondo yakho okanye ukuhlonitshwa kwamalungelo akho abucala, usazi ukuba iAfrikaBurn ayinanyanzelo yokuthatha nyathelo naliphi na. Ukusetyenziswa kwefoto/ imibono bhanya bhanya ngaphandle kosetyenziswa kwabucala akuvumelekanga.

Amatikiti awajikiswa nokuba umsitho uyekisiwe ngenxa yobubi besimo sezulu, intlekelela, ukubambeka ngokwemithetho karhulumeni nezinye izinto ezingenzeka ezingapha kwamandla eAfrikaBurn.

**UKUSEBENZISA ITIKITI
LAKHO LASEAFRIKABURN
KUSISIVUMELWANO
KWIMIQATHANGO EBEKIWEYO
PHEZULU.**

ENKŌSI!

NGŌKUFUNDA LEMIGAQŌ,
UYIBHŌZA! SICELA
UYISASAZELE NABANI NA
ŌNGAZISEBENZISA EZIZMVŌ.
KŌKUMANA UYIFUNDA,
UPHAKAMISA UMGANGATHŌ
WŌLŌNWABŌ LWAKHŌ
NELŌMNTU WŌNKE ŌTHATHA
INXAXHEBA KWIAFRIKABURN.

ABABALI

Ziyabulelwa bantu balandelayo ngegalelo labo:

Anthea Duce

Illustrations on pg. 7, 8 & 37 - 40
behance.net/AntheaDuce

Ernst Lass

Illustrations on pg. 1, 2 & 43
instagram.com/ernsnext

Grace De Kroon

Illustrations on pg. 5 & 6
gracedekroon.tumblr.com

Jeanne Fourie

Layout design & Art direction
Illustrations on pg. i, ii, 21, 22, 33
- 35, 45 & 46
eye-of-jnn.com

Philippus Johan Schutte

Illustrations on pg. 15 - 18, 29 & 30
phijos.com

Karl Schulschenk

Illustrations on pg. 3, 4, 23 & 24
karlschulschenk.com

Matthew Frazer

Illustrations on pg. 13, 14, 41 & 42

Mischka Byram

Illustrations on pg. 9, 10, 31 & 32
behance.net/mishkabyram

Natasha Viljoen


Cover art
Illustrations on pg. 11, 12, 19 & 20
behance.net/natashaviljoen

Skubalisto

Illustrations on pg. 25 & 36
skubalisto.tumblr.com

Umbhalo uhlelwe ngu **Travis Lyle**, nongeniso oluvela kubasebenzi abaninzi baseAfrikaBurn. Umbulelo omkhulu ku **Guillaume Vaugrante** ngokudesigna imao yethu kulonyaka.

Zonke inkcukacha ezilapha bezinyanisekile ngexesha loshicelelo, kodwa zingatshintsha kumanye amatyeli.



12

3

9

6

MANDIKUBŌBE KWIXESHA ELIZAYŌ!

Nobuciko ngu uNtasha Vijiye